


# INKOKHELO

 [Iqela labantwana licula *Inkolo YeXesha Elidala*—Mhl.] Ngokuqinisekileyo ninayo. Ukuba inilungele ngokwaneleyo nina nonke, isilungele ngokwaneleyo, nathi.

<sup>2</sup> [Umzalwana uthi, “Ngoku banikezela ngesipho sabo kuwe.”—Mhl.] Bethu, oko kuhle. [Abantwana banika uMzalwana Branham isipho.] Enkosi. [Udade uthi, “Nje isipho esincinci, Mzalwana Branham, abantwana bagcine ipeni zabo neesenti ezintlanu zabo. Kwaye. . . ? . . .”] Enkosi. Enkosi, mzalwana wam omcinci. Enkosi, bantwana. Ndiyanibulela ngokuqinisekileyo, kakhulu, ngenene. Kwaye uThixo anisikelele.

<sup>3</sup> Niyazi, uYesu wathi, “Njengoko nisipha abona bancinci baba, niyenze kuM.” Yabona? Ningamadoda nabafazi bangomso. Ukuba likhona ingomso, niyakubalapho.

<sup>4</sup> Ndiyifumene ipeni. Enkosi kakhulu sithandwa. Ndingayivula? [UMzalwana Branham uvula isipho aze afunde ikhadi—Mhl.] Niyenze yantle kakhulu, iyinto ekunzima uku . . . owu bethu, intle kakhulu. Utatomkhulu kufanele athathe indondo zakhe, uyazi: “Ukholo kwi . . . ukhozo lwembewu ye mostade . . . Umyalezo wenu . . .”

Ayintlanga lonto? Yabona? Owu, bethu, bethu! Ndikuthiyile ukunikwa nini oku. “Mzalwana uBranham othandekayo, Owu, ungumhlobo oyena ulungileyo. Siyathemba uyaku—uyakusikeleleka ngazo zonke ezi zinto uzifumanayo. Siyakuthanda; kuko konke okwenzakayo; kwaye yanga ethandekayo iNkosi uYesu ikusikelele kakhulu.”

Owu, kuhle oko kakhulu. Enkosi, ntliziyozilungileyo, nina nonke ngabanye. Oko kuhle ngenene.

[Umzalwana uthi, “Mzalwana Branham, ndiyakholwa uyakuvumelana nokuba sinotitshala olungileyo weSikolo seCawa.”—Mhl.]

Ngokuqinisekileyo ninaye. (Ndibambeke nje oku, Billy.) Ngoku, oku kunjalo, kwenziwe kakuhle kakhulu, ndikuthiyile ukukuchitha. Intle kakhulu. Ndiyaqashisela omnye wabazali uyenzile lena. Ingaba injalo? [UMzalwana uBranham uvula esinye isipho—Mhl.] Huh? Kulungile, kufanele ndi . . . Ayisokuze itsibele ngaphandle? Owu, bethu. Owu. Owu, bethu. Oko kuhle kakhulu . . . ? . . . siyakuhamba nokuya. ULeo, uzakungazi ukuba ungowaluphi usapho. Uyifaka kuyo yonke imifanekiso. Kuhle kakhulu oko.

Ngoku, bantwana, oko kukuxakwa kokuninzi kwaye ndiyakukuthabatha oku ndize ndikuxhome kwikhaya lethu elitsha. Kwaye ndifanele okokoko nje—nje sisenekhaya

siyakubanakho oku engcingeni yesi sikolo seCawa sincinci apha ePrescott. Ndinika uThixo umbulelo, ndinkika umbulelo kwiNkosi ngayo yonke into; kwaye ndinika umbulelo kuThixo ngala wona mahle amakhwenkwe namantombi njengoko ninjalo nonke. Nje ukucinga ngam kweli—kweli xesha. UThixo anisikelele nonke. Enkosi kakhulu, ehe, intle kakhulu. Intumakalelo, yilonto nje ebesiyifuna, into efana naleyo. Besingenjalo?

[Umzalwana uyathetha—Mhl.] Ilungile.

[Umzalwana uthi umculo ubulungiswe ngomzuzu wokugqibela.] Kuxa ungcono khona.

[Iqela loodade licula *Ukuhla Ukusuka kuZuko Lwakhe*, emva koko isihlwele siyazibandakanya.]

Owu indlela endiMthanda ngayo! Indlela endiMncoma ngayo!

Ukuphefumla kwam, ilanga lam elikhanyayo, okwam konke kuko konke!

Umdali Omkhulu waba nguMsindisi wam, Kwaye konke ukuphelela kukaThixo kuhleli kuYe.

[Udade uyaqhubeka ukucula kwikhoras ka *Ukuhla Ukusuka kuZuko Lwakhe*. Umzalwana ukhokela ku*Kholwa Kuphela*—Mhl.]

. . . kholwa kuphela,

Zonke izinto zinokwenzeka, kholw kuphela,

Kholwa kuphela, kholwa kuphela,

Zonke izinto zinokwenzeka, kholwa kuphela.

Ndiyakholwa ndingashumayela iiyure ezine ngoku, emva kwako konke okuya. Bendiqalisa ukucinga bendifikelela ekudinweni. Akumangalisi nina mantombazana amancinci ninakho ukucula kamnandi, nina mantombazana amancinci namakhwenkwe amancinci; phulaphulani indlela abacula ngayo oosisi benu abakhulu, kunye noomama benu, abaculi abamangalisayo. Kuhle kakhulu oko. Ngubani le ntombazana incinci ebikhokela ingoma, asinguwe intombazana encinci endadibana nayo khona phaya? Ngokuqinisekileyo inelizwi elihle; nina nonke. Nje ni. . . Ndiyakholwa ibi, umculo ongcono endakha ndawuva, kulapha kanye. Niyazilolongela ngokuya nonke lonke ixesha? [Umzalwana uthi, “Hayi. Leyo yindlela esicula ngayo.”—Mhl.] Kulungile, ndiyanixelela, ni—nisi kelelwe ngokuqinisekileyo ngokucula okuhle ngenene.

<sup>5</sup> Ndiyawuthanda umculo omhle. Ndiwuthanda ngenene umculo omhle. Ndasoloko ndisithi xa ndifika eZulwini ndifuna ukuya apho bacula khona, ndize ndiphulaphule. Andizange ndibenakho ukufumana okwam ukuzaliswa ngomculo.

<sup>6</sup> Niyazi, ukucula kunika inkuthazo. Niyayazi lonto, aninjalo? Amajoni, xa esiya edabini, niyazi enza ntoni?

Adlala umculo aze acule, kunye nezinto eziwanika inkuthazo. Kwaye xa sisiya edabini, siyacula, kwaye—kwaye kusinika inkuthazo yokuqhubekeka.

<sup>7</sup> Ndiyanibulela nina bafo bancinci ngesasipho sihle. Kwaye ngu... Nkskz. Branham, nokusuka ku Rebekah, naku Joseph, naku Sarah, nakuthi sonke, siyanibulela kakhulu. Kunzima ukuthi, indlela yokubaxelela abafu abancinci, “Hayi. Nizigcinile iipeni zenu. A—andifuni kusithatha.” Niyazi ndiziva njani, andifuni kusithatha. Kodwa noko ndijonga khona apha kwaye banetyala leedola ezilishumi kwelikhadi. Ndacinga, “Ndingayithatha lanto?” Ndacinga, “Ndingayenza njani?”

<sup>8</sup> Kodwa ndikhumbula ibali elincinci endifuna nilazi. Ngenye imini kwakukho umfazi ongumhlokokazi, wayeneqela labantwana, mhlawumbi yena... utata wabantwana abancinci wayengasekho. Kwaye wayeneepeni ezimbini kuphela. Kwaye wehla ngesitrato, ngelinye ixesha... Kwaye yayiyimali yesishumi, nje iipeni njengani nizigcinile, kwaye waziphosa kwingxowa mali kaThixo. UYesu wayeme phaya, embukele. Kwaye ndayacinga, “Yintoni ebindinokuyenza ukuba bendimi phaya?” Bendiya kubaleka mhlawumbi ndithi, “Hayi, hayi, dade, sukuyenza lonto. Asi—asiyi, eneneni asiyidingi lonto. Uyayidinge ngenxa yabo abantwana.” Yabona? Ngoku, bendingayi kumvumela ukuba ayenze lonto. Kodwa uYesu wamyeka wayenza lonto. Yabona, Wamyeka wayenza lonto. Kutheni? Uyayazi kusikeleleke kakhulu ukupha kunokwamkela. Wayeyazi into Aawayeyakumenzela yona yena, yabona.

Ke ndiyanibulela nina bafo abancinci, ngentliziyo yam yonke.

<sup>9</sup> Ndifuna ukubulela ngamnye kuni nonke, ngelixesha lihle lobudlelwana, Mzalwana Leo kunye noGene. Oku ibe ziintsuku ezintathu ngqo zonqulo, zam. Nkqu nasehlathini, xa ndizama ukuzenza ndihambe kwaye ndicinge ukuba ndandizingela, ndiye ngandlela ithile okanye ngenye, ndiye ndijonge kuni kwaye ndinive nithetha. Ndibe nenyhweba ngale mvakwemini yokutyelela amakhaya enu. Andizange ndibone, ndiye nakweliphi, ndizakuyibiza isixekwana, endakha ndasibona sicoceke kakhulu, amakhaya amahle nabantu, kunye nengako intlonipho ngoKristu kunye neVangeli. A—andizange ndayibona naphina. Kwaye ngenene niqale ngendlela elungileyo, qhubekani nje nihamba kwaye uThixo uyakuba nani. Kwaye ndifanele ndibone abanye benu. Ndabona, ngomnye umhla, aba dade, bendingabazi nokubazi, ngoba konke ebendinokubona ibingamehlo nendlebe zabo nje, phandle phantsi kwalominqwazi. Kwaye ngoko ndiyakholwa ndinazi ngcono, ngembeko kaMzalwana Leo noGene, abandijikelezisileyo ndatyelela amakhaya enu; ndaza ndaba nokuxhawula izandla kunye na—nabantwana abancinci, abaprofeti nabaprofetikazi besigaba esizayo, ukuba sikhona isigaba esizayo.

<sup>10</sup> Niyazi, uYesu uyabathanda abantwana abancinci. Niyazi, Wenza njalo. Kwaye kwakukho inkwenkwe encinci, ngaxesha lithile, eyayibizwa ngoMoses, siza kuthetha malunga naye nje ithutyana. Kwaye wayelunge kakhulu...Niyazi into eyamenzayo, eyamnceda yamenza inkwenkwe elungileyo? Wayenomama olungileyo wokumkhulisa. Yabona, yilonto. Wamfundisa malunga neNkosi. Kwaye nina makhwenkwe amancinci namantombazana ninoo mama abaluhlobo olunye bokunikhulisa, banifundise malunga neNkosi. Bacingeleni.

<sup>11</sup> Niyazi intoni, niyazi yintoni uMthetho wokuqala oseBhayibhileni, uMthetho wokuqala nedinga, onedinga? Mhlawumbi into enzima kancinci kuni ukuba niyiqonde leMithetho. Umthetho wokuqala, uthi, “Ningabi nathixo bambi ngaphandle kwaKhe.” Kodwa uMthetho omkhulu...Kwaye uMthetho wokuqala onedinga kuwo, yabona, ubhekiselele ebantwaneni. Beniyazi lonto? Yabona, Wathi, “Bantwana, bathobeleni abazali benu, oko kuyakolula imihla phezu komhlaba, ethe iNkosi uThixo wakho wakunika wena.” Ukuhlonipha abazali nokwenza oko nikwenzayo, kunokuninika ubomi obude phezu komhlaba, ethe iNkosi yaninika yona, ixesha elide lokukhonza Yena.

<sup>12</sup> Ndiyathemba, namhlanje, okokuba ndijonge kwiqela labashumayeli nabaculi nabavangeli bomhla ozayo, ukuba ukhona umhla emveni kowethu.

<sup>13</sup> Kwaye kukho into enye phezulu apha, ni—nibulala umfo ngobubele. Nditye de andakwazi kutya, kwaye a—andizange ndaphathwa ngale ndlela. Ukuba bendiyiNgelosi, isiwela ngaphandle eZulwini, bendingenakho ukuphathwa ngenye indlela engcono. Into ekuphela kwayo endinokuyitsho, ngu, “Enkosi.” Kwaye xa nisezantsi kwindlela yaseTucson, ndingangabi nakho ukuniphatha ngohlobo olungcono, ngoba andazi kwenziwa njani; andinazindlela zokuyenza, kodwa ndiyakwenza okungcono endinakho. Yizani.

<sup>14</sup> UMzalwana noDade Shantz, ndifuna ukubabulela ngenene. Kwaye bendinenyweba yokuhlangana nentle, intombi esentsha, nonyana, ngale mvakwemini. Kunye—kunye nokusivumela sisebenzise indlu yakhe apha ivulelwe ukunqula. Kwakukho izinto ezinjalo ezazisenzeka ngomhla weBhayibhile, niyazi, okokuba iVangeli yayi...ndiyazi ivakala kancinci kakhulu. Siya, siyakucinga ukuba ayinjalo. Kodwa oku luhlobo olunye njengoko uThixo...kuThixo, njengoko nakubo kwakunjalo kulamhla.

<sup>15</sup> Khumbula, kuyakubakho eminye iminyaka eminzi, bebeya kujonga emva apha baze bathi, “Ukuba nje bendinokuphila kwimihla phezulu phaya ePrescott! Ukuba nje bendinokuphila...” Yabona? Ngoku siphila kula mhla. Yabona? Ngoko siyehla siye ekupheleni kwendlela, emva koko silinde umvuzo wethu kuMhla omkhulu.

16 Ngoku sizakuvula iLizwi likaThixo sifunde. Kodwa nje phambi senze, masithethe naYe nje umzuzu.

17 Yesu Othandekayo, andinakuvakalisa ezam—ezam iimvakalelo nombulelo wam kuMzalwana Mercier, Mzalwana Goad, kunye nabo bonke aba bantu balungileyo kunye nabantwana babo abancinci, wokuba indlela elungileyo abasibonise yona okoko sibelapha. Ubulungisa bungaphezu kwento yonke ebesiyilindele. Kwaye siyazi ukuba bebelunge kwaye bethandeka. Kodwa besingazi ukuba besiyakuphathwa ngendlela yangenene yasebukhosini. Kwaye, Nkosi, ndiyathandaza ukuba uBukho baKho buyakusoloko bukuleminquba yababantu, uMoya oyiNgcwele uyakuzalisa yonke intliziyo apha, kwaye Uyakubanika uBomi obunguNaphakade. Kwaye sanga, sisavuya namhlanje, kwanga kungabakho uMhla ongapheliyo othi xa sihlangani eBukhloneni baKhe Lowo simqulayo nesimthandayo, sinike uzuko ngezi zinto. De kube lelo xesha, Nkosi, sigcine sithembekile kuYe nakwi Lizwi laKhe. Egameni likaYesu siyathandaza. Amen.

18 Ngoku, ndinigcine ixesha elide ngalentsasa, ndiyakuzama ndiyenze ikhawuleze kakhulu ngalemvakwemini, kwaye ndithethe ngendlela eyakuya kubafo abancinci, nabadala abayakuyiqonda, nabo.

19 Ndifuna ukufunda i—iSibhalo apha, sifumaneka kwiNcwadi kaMarko oNgcwele, kwaye ndifuna ukufunda ukusuka kumqolo we-17 wesahluko se-10 sikaMarko oNgcwele, indawana.

*Kwaye xa wayephuma endleleni, kweza omnye ngokubaleka, wawa ngamadolo waza wambuza, esithi, Mfundisi Olungileyo, ndingenza ntoni ukuze ndilidle ilifa ubomi obungunaphakade?*

*Uthe uYesu kuye, Yini na undibize ngokuba ndilungile? akukho namnye ulungileyo kodwa mnye, kwaye lowo, nguThixo.*

*Uyayazi imithetho, Uze ungakrexezi, Uze ungabulali, Uze ungebi, Uze ungangqini ubungqina bobuxoki, Uze ungalumkisi, Beka uyihlo nonyoko.*

*Uphendule ke yena wathi kuye, Mfundisi, zonke ezi zinto ndazenza, ndazithobela, ndazigcina (gxebe) ukusukela ebuncinaneni bam.*

*Uthe uYesu ondele kuye wamthanda, lo mfo mncinci, waza wathi kuye, Inye into oyisweleyo: hamba ngendlela yakho, uthengise konke onako, uze wabele amahlwempu, woba nobutyebi ezulwini: uze uze, uthabathe umnqamlezo wakho, undilandele.*

*Wathi ke khunubembe ngeli zwi, waza wemka ebuhlungu: ngokuba wayenezinto ezininzi.*

<sup>20</sup> Ngoku ebantwaneni, nakubadala nakubo bonke, ndifuna ukwenza loMyalezo mncinci nje ngokugcina ixesha endinalo, nokukhawulezisa endinakho. Kwaye ndifuna ukuthabatha isiqendwana, “landela Mna,” kwaye ndifuna ukuthabatha isifundo: *Inkokhelo*. Ukulandela, kunye nomntu okhokelayo; *Inkokhelo*, kwaye “landela Mna,” Abatsha, abantu, i . . .

<sup>21</sup> Khumbulani ukuba, inyathelo lokuqala esakhe sonke salwenza, umntu othile wasikhokela. Nina bomama niyakhumbula inyathelo lokuqala lowa mtsha kunye nentombazana encinci abalwenzayo, kwaye abasayikhumbuli kwaphela. Kodwa umntu othile wakukhokelela kwinyathelo lakho lokuqala. Ndikhumbula uBilly Paul xa wenza inyathelo lakhe lokuqala, uJoseph nabo bonke, xa benza amanyathelo abo okuqala.

<sup>22</sup> Kusoloko ingumama ofumana ukukhokela umntwana kwinyathelo lakhe lokuqala, ngoba usekhaya ngelixa utata esembenzini, ezamela ukwenza ukuphila. Kodwa, iba, benza inyathelo labo lokuqala. Kwaye ngexa langokuhlwa xa befika, utata, usoloko esithi. “Owu, tata,” uthe, “uJohnny noMary,” inkwenkwe encinci okanye intombazana, “bayakwazi ukuhamba! Yiza ujonge!” Kwaye nje inyathelo elinye, mhlawumbi umama kuya kufuneke abambe; kufuneke abambe umnwe kamama, ngoba ngahlobo luthile wawubuthathaka, kwaye ngahlobo luthile ugxadazela, uyazi, kwaye uwe kancinci. Ke kwakufanela ubambelele esandleni sikamama, ukwenza inyathelo lakho lokuqala.

<sup>23</sup> Ngoku, umntu othile wakunceda, xa wenza inyathelo lakho lokuqala. Kunye nenyathela lakho—lakho lokugqibela owakha walwenza ebomini bakho, umntu othile uyakukhokhelela. Yabona, injalo lonto. Ndifuna nikukhumbule oko. Inyathelo lakho lokuqala, umntu othile wakukhokela. Kwaye inyathelo lakho lokugqibela, umntu othile uyakukhokela.

<sup>24</sup> Sifanelwe sikhokelwe. Uyazi, UThixo usifanisa nezimvu. Kwaye ubusazi ukuba imvu ayikwazi kuzikhokela ngokwayo? Iyakubhadula ize ilahleke, kwaye ayi—ayinakho ukuzikhokela. Kwaye kufanele ibe nomntu oyikhokelayo. Kwaye ngamanye amaxesha . . . Umalusi kufanele akhokele izimvu. Ngoku kwakusemva kwimihla yeNkosi uYesu, WayenguMalusi olungileyo owayekhokela izimvu.

<sup>25</sup> Kodwa namhlanje, uyabona, siphila komnye umhla, yonke into ijikile kwaye igqwethekile. Uyazi ukuba yintoni indoda ekhokele izimvu namhlanje? Yibhokhwe. Kwaye uyazi ukuba kuphi na apho labhokhwe izikhokelela khona? Kanye ngqo ekuxhelweni. Zona izimvu ezincinci azazi apho ziya khona, ke ibhokhwe zinyukela e—ehokweni, phezulu ekuxhelweni, kwaye izimvu azazi nto nje kukulandela umkhokeli, ke uzikhokelela

ngqo koku kuxhelwa. Kwaye ibhokhwe iyatsiba ngaphaya komvalo, zize izimvu zingene ngaphakathi kwaye zibulawe. Yabona, ibhokhwe, umkhokeli ongalunganga.

<sup>26</sup> Kodwa uYesu, uMalusi olungileyo Ozikhokelayo izimvu, Uzikhokelela eBomini kwaye abambe izandla zazo. Yabona, kodwa umntu othile kufanele azikhokele izimvu.

<sup>27</sup> Kuqala kukulunga kukamama, emva koko lilizwi likatata. Emveni kokuba umama ekunike inyathelo lokuqala, emva koko ujonga kutata, sonke kuthi, ukuze ufumane ubulumko, ngokuba yintloko yekhaya. Kwaye usoloko . . . Hayi ukuba ungokrelekrele, kodwa we—wenziwe umkhokeli wosapho lwakhe, ngoko silandela oko utata wethu akutshoyo. Xa esithi, “Ngoku, yanana, ndingathanda ukuba wenze into ethile—ethile,” ngoko siphulaphula kuye ngokuba bubulumko. Kodwa phulaphula, yabona, yena ufunde lukhulu kwaye kufanele sibuze yena, sibone oku akufundileyo, kwaye ngoko singahluma ngokwakhe, oko akufundileyo. Uyasixelela, “Ngoku sukuya uyenze *lento*, ngokuba ndayenza lanto. Utata wam wandixelela ukuba ndingayenzi, kodwa ndayenza, kwaye yabangela *oku* kwenzeke kum, into embi,” Ke, yabona, siya. . . Ngoko yena, utata, usixelela indlela yokwenza, nendlela yokwenza lungileyo.

<sup>28</sup> Ngoko emva kokuba umama esikhokele, de ibe lixesha sifumane ubulumkwana obuncinci, bokuqonda, kutata, ngoko sifumana obunye. Sifumana omnye umkhokeli, kwaye lowo ngutitshala, olungileyo umfundisi ntsapho. Uyazama ukunifundisa aze anike imfundo, ukuze nilungele ubomi kakuhle, ukuze nifumane indawo, isikhundla sokuba ubenakho—ubenakho ukufunda iBhayibhile yakho kwaye ubenakho ukufunda iingoma, kwaye ungafunda ngoThixo uze uzifundele, ngokwakho, uyabona. Kwaye ngoko, enye into, mhlawumbi uyakuba neshishini, aze umntu akubhalele incwadi, umama, tata, umntu othile akubhalele incwadi, ungabi nakho ukuyifunda. Yabona? Ngoko utitshala, ubanani, kwaye anikhokelele e—e—ekufundeni ukubhala nokufunda. Kwaye yinto elungileyo, utitshala olungileyo, akufundise okulungileyo. Kodwa ngoku emveni kokuba ukushiyile okuya, wena, emveni kokuba umshiyile utitshala, utitshala emva komnye, ukusukela kumabanga aphantsi kakhulu, izinga lokuqala elincinci, ukuqhubeka de uphume kwisikolo samabanga aphakamileyo okanye uye kwanokholeji. Emva koko xa uyishiya ikholeji, aze emva koko utitshala ugqibile ukukukhokela. Yabona?

<sup>29</sup> Ngoku, umama ukufundise ukuhamba, ukubona. Utata ukufundise ukuba ungabakrelekrele kanjani kunye nomfanyana olungileyo, nendlela yokuzikhathalalela nokuziphatha. Utitshala ukufundise imfundo, indlela yokufunda nokubhala. Kodwa ngoku uyamshiya utata, uyamshiya umama, kwaye uyamshiya utitshala, ngoku umntu othile kufanele akuthabathe ukusuka apha ukuqhubeka.

Ngoku ngubani ofuna akuthabathe ukusuka apha ukuqhubeka? [Umntwana uthi, “Yesu.”—Mhl.] Injalo lonto. UYesu, akuthabathe ukusuka apha ukuqhubeka. Ngoku, leyo yimpendulo elunge kakhulu, intle kakhulu. UYesu uyakuthabatha ukusuka apha ukuqhubeka.

<sup>30</sup> Ngoku uyambona lomfanyana esithetha ngaye, ubizwa ngokuba yindodana engumlawuli esisityebi. Ngoku, lomfo, wayelulekwe kakuhle kakhulu. Ngoku, umama wakhe wamfundisa ukuhamba. Kwaye, uyabona, noko wayeseyindodana encinci, mhlawumbi esandula kuphuma kwisikolo semfundo ephakamileyo, kwaye edume kakhulu yona indodana. Kwaye ekubeni eqeqeshwe kakhulu, mhlawumbi ehamba ngokulungileyo, nanjalo njalo, indlela unina awamfundisa ngayo.

<sup>31</sup> Kwaye waye eye—ephumeleleyo indodana, naye, ngokuba, njonga, wayesele esisityebi. Kwaye wayeseyi—yindodana, mhlawumbi ishumi elinesibhozo leminyaka ubudala, nje esandula ukuphuma esikolweni semfundo ephakamileyo, wayetyebile. Ngoku, uyabona, wayenohlobo lotitshala olungileyo awamfundisa ukuhamba kakuhle. Kwaye wayenohlobo lotitshala olungileyo, uyise; de futhi ebudodaneni bakhe kwaye waye—wayetyebile ngokwasemalini, wayemenzele imali eninzi. Mhlawumbi wayenokuba ngenene. . . Wayengumlawuli, nkqu kulaminyaka, ephumelele kakhulu. Yabona? Kwaye ngoku wayeno—notitshala owayemfundisile, owamfundisa into elungileyo, indlela ayakwenza ngayo. Wayenemfundo yakhe.

<sup>32</sup> Kwaye emva koko omnye utitshala lendodana eyayinaye, ntoleyo exhomekeke kwindlela okhuliswe ngayo, kodwa lendodana yayinemfundiso yenkolo ekhayeni layo.

<sup>33</sup> Ngoku, abanye abantwana, niyazi uninzi lwabantwana abancinci abangenayo nenye imfundiso yenkolo ekhaya? Utata wabo nomama abakholelwa kuThixo. Kwaye utata wabo nomama, bayasela, bayatshaya, bayalwa, baphume baleqe, omnye, ebusuku, nezinto, kwaye abaphekeli inkwenkwena nentombazanana yabo isidlo sangokuhlwa, nezinto. Anivuyi nifumene abenene abangamaKristu utata nomama? Ngoku, xa unabantwana, akufuni kuba luhlobo olunye lukatata nomama njengotata nomama benjalo? Yabona? Ngoku, kodwa konke oko kulungile.

<sup>34</sup> Ngoku, lendodana yayinayo, kwaye yayinemfundiso yezenkolo. Yabona, oko kukude lee koko abanye babo babenako, ngoba abanayo imfundiso yenkolo. Kodwa le ndodana yayinemfundiso yezenkolo, ngokuba, yabona, ngokuba ithi yayigcina iMithetho kwasebukhwenkweni.

<sup>35</sup> Ngoku nonke ninabalungileyo abefundisi bezenkolo, nani, nonke kuni. Kwaye nina basafikisayo bantwana



abangamantombi namakhwenkwe, nina ninabo abafundisi abalungileyo, utata nomama wenu apha kulendawo, ninento yonke eniyi...sonke isakhono enisaziyo, esinokwenzeka, ukwenzela wena ube yindoda nomfazi, umkhonzi kaThixo.

<sup>36</sup> Ngokuba, khumbulani, nizakufa ngenye imini, okanye mhlawumbi niguqulelwe eZulwini. Kwaye ukuba nifa phambi koKuza Kwakhe, niyakuxwilwa kuqala. Beniyazi lonto? Benisazi abo bafileyo...Ukuba umama okanye utata uyafa phambi kokuba wenze njalo, kwaye uYesu akezi kwisizukulwana sethu, uyabazi aba, tata nomama, bayakuza kuqala, bezukisiwe, ngaphambi kwenu? Yabona? Ixilongo likaThixo liyakuhlokoma, baze abafele kuKristu bavuke kuqala, size thina abaphilayo nabasaseleyo siyakuxhwilwa kunye nabo sinyuswe. Siyakuguqulwa ngolwahlobo. Kufanele sikhumbule, leyo ngundoqo ebomini. Niyaqonda ngoku? Lowo ngundoqo ebomini, sifanele siyenze, kukulungela ukuhlangana noThixo.

<sup>37</sup> Ngoku, nje ukuba nenkolo ngekhe kusebenze. Yabona, lomkhokeli mtsha apha, wathi, “Mfundisi Olungileyo...” Ngoku khumbula, ngaphambi ngokuba ndiyitsho. Wayefundisiwe ukuhamba kakuhle. Wayenemfundo elungileyo. Wayefundisiwe ishishini. Kwaye wayetyebile, kwaye wayengumlawuli, enenkolo. Kodwa wajamelana nenyengxaki, kwaye ijamelana nathi sonke, uBomi obunguNaphakade. Inkolo ayisiniki Bomi bunguNaphakade. Inkolo, sisigqubuthelo, kodwa ayisokuze isinike uBomi obunguNaphakade. Kwaye noko, yena efundisiwe ngabangcono abafundisi ababekho, wayeswele noko into ithile. Kwaye indodana yayazi, ngokuba yathi, “Mfundisi Olungileyo, ndingenza ntoni ukuze ndibudle ilifa uBomi obunguNaphakade?”

<sup>38</sup> Ngoku, wena, niyakholwa ukuba uYesu nguThixo, aninjalo? Ke Wayezazi iingcinga zendodana, ke Wathi, “Gcina iMithetho.” Wabuyela emva enkolweni yayo, ukuze abone into ayakuyithetha malunga nenkolo yayo. Wathi ngoku, ngamanye amazwi, “Gcina inkolo yakho.”

<sup>39</sup> Wathi, “Ndayenza lento, ukusukela ebukhwenkweni,” amakhwenkwe amancinci njengani. “Umama notata wam, nompristi wam, bandifundisa inkolo. Kodwa ndiyazi, enkolweni yam, okokuba andikabi nabo uBomi obunguNaphakade.” Yabona?

<sup>40</sup> Ungaba ngolungileyo. Ungabi. Ungatshayi. Ungaxoki. Ungamxokisi utata nomama. Ungathethi obabuxoki bokuqala, ngoba, omnye uthetha obunye, emva koko kulula ukuthetha obunye, yabona. Kodwa kufuneka ungayenzi lonto. Sukuthetha obuya bokuqala.

<sup>41</sup> Benisazi ukuba umzimba wenu awenzelwanga kuxoka? Niyaazi, banesixhobo ngoku, si—sikumthambo-luvo wakho. Banakho ukubeka igqeshana esihlahleni sakho *apha*, babeke

elinye entlokweni yakho, kwaye ngoko ungathi phaya, uthi ubuthe, “Be—be—bendixoka malunga nokuya, kodwa ndingayitsho ngokulula kakhulu eyokuba ba—bayakukholelwa ukuba ndithetha inyaniso.” Kwaye ungathi . . .

<sup>42</sup> Bayakuthi, “Wawusendaweni ithile, njengokungathi ubuhleli kulanqwelo irhuqwayo kaMzalwana uShantz, ngelixa uMzalwana Branham ebeshumayela, emva kwemini ngeCawa ngalo mhla?”

Uze uthi, “Hayi, mhlekazi. Andikhange ndihlale phaya. Hayi, mhlekazi.”

<sup>43</sup> Uyazi ukuba esasibambisi kuxoka siyakuthini? “Ewe, mhlekazi, ubuyenzile. Ewe, mhlekazi, ubuyenzile.”

Uthi, “Andikhange.”

Iyakuthi, “Ewe, uyenzile.”

<sup>44</sup> Kutheni? Ngokuba ubuxoki yinto embi kakhulu. Umzimba wawungenzelwanga kuxoka. Kwaye yinto embi kakhulu, de iphazamise ukusebenza komthambo-luvo wonke, xa uxoka. Whew! Iphazamise ngolwahlobo, iyakwenzela i-ulcers, umngundo, buyakukubulala. Emva koko ubuxoki yinto embi, ngoba, yabona, akufanelekanga ukuba uxoke, ube, wenze nenye yezi zinto.

<sup>45</sup> Ngoku, ke lendodana yayi mhlawumbi . . . zange yaxoka, zange yaba, kwaye yayisazi ukuba yayifuna kakhulu, uBomi obunguNaphakade. Ke yathi, “Ndingenza ntoni ukuze ndibufumane Bona?”

<sup>46</sup> Kwaye uYesu ubonisa apha ngoku ukuba inkolo ngekhe iyenze. Ke Wayithumela kanye emva kuyo, wathi, “Gcina iMithetho.”

<sup>47</sup> Wathi, “Mfundisi, ndikwenzile oku ukusukela ndiseyinkwenkwe encinci, okanye encinci, xa ndandiseyintwana encinci yomfo ndakwenza oku.” Kodwa wayesazi ukuba akanabo uBomi obunguNaphakade. Ke Wathi emva koko, “Ukuba uyakungena eBomini, uBomi obunguNaphakade, ufuna ukugqibelela, ngoko hamba uthengise oko . . .”

<sup>48</sup> Yabona, ngoku, kulunge konke ukuba nemali. Yabona, kulunge konke ukuba nemali, utyebe. Kwaye ube ngumlawuli, konke oko kulungile. Kodwa yi—yindlela owenza ngayo emva kokuba ibe kokuya, yabona.

<sup>49</sup> Wathi, “Hamba uthengise onako, uze wabele amahlwempu, bona abantu abangenayo kwanto; emva koko uze, uNdilandele, kwaye uyakuba nobutyebi eZulwini.” Kodwa indodana yayinemali eninzi de ingazi ukuba mayenze ntoni ngayo. Ngoku, yabona, yayidume kakhulu, la ndodana yayinjalo.

<sup>50</sup> Kwaye ya—ya—yayixhotyiswe kakuhle ebomini, indlela uyise nonina, kunye nompristi kunye nabo bonke, abamxhobisa

ngayo, kodwa noko yayisazi ukuba iswelento. Ngoku ndithetha kwabadala. Yena, wayesazi wayeswele nto, kwaye wayengenabo uBomi obunguNaphakade. Wayeyazi lonto. Yabona?

<sup>51</sup> Inkolo ayisokuze ivelisi uBomi obunguNaphakade. Inkqubo, imvakalelo, uva into; u—ungoyika, uze uve into ethile. Yabona? Ukulila, kona kulungile; ukukhwaza, kona kulungile; kodwa asibubo Bona, yabona. Ujamelene noBomi obunguNaphakade.

<sup>52</sup> Uthi, “Kulungile, bendingumBhaptizi othembekileyo, okanye umWisile, okanye umRhabe, okanye owakwaMoya.” Oko nako asingombuzo.

<sup>53</sup> Lendodana yayinjalo, nayo, yayifundisiwe enkolweni yomhla, kodwa noko yayingenabo uBomi obunguNaphakade, ke yayifuna ukwazi emayikwenze. Yayilulekiwe ngokuphumeleleyo, kuBo. Kodwa xa yayijamelene naBo, yala ukululekwelwa kuBomi obunguNaphakade, okanye ukukhokelwa. Abanye abakhokeli bayo babenebango elikhulu kuyo ide ingafuni kuzikhulula. Yabona?

<sup>54</sup> Ngoku, leyo yinto efana nayitshoyo uMzalwana Branham. Iya isiba nzulu kancinci ngakuni, yabona.

<sup>55</sup> Imfundo ilungile, nifanele niye esikolweni nize nifunde. Yabona, lonto ilungile, kodwa oko akuyi kukusindisa. Ukuba nemali eninzi, ilungile lonto, ungabakhulisa abantwana bakho, ubanike iimpahla ezintle nezinto. Njengotata nomama bathe banisebenzele nonke, nezinto. Ilungile lonto, kodwa futhi oko akuyi kukusindisa. Yabona? Okanye, ungaya elabholetri uze ufunde indlela yokubeka izinto ezahlukeneyo kunye, okanye ukwahlula i-atoms, okanye nantoni na abayenzayo, uze—uze ungene kwi—kwirokethi uze—uze uye enyangeni, kodwa oko akuyi kukusindisa.

<sup>56</sup> Kufanele ujongane nento enye, uBomi obunguNaphakade, kwaye mnye kuphela uMntu Onokunika Oko. Umama akanakunikwa Bona. Utata akanakunikwa Bona. Umalusi wakho akanakunikwa Bona. Umkhokeli wakho apha akanakunikwa Bona. Wonke ubani ofumana uBomi obunguNaphakade kufanele eze kuYesu Kristu. Nguye kuphela Yena Onokunika Yona landawo.

<sup>57</sup> Utitshala wakho angakunika imfundo, angakufundisa; kufanele uyifunde. Umama wakho—wakho angakufundisa ukuhamba; kufanele ufunde ukuhamba. Utata wakho angakufundisa indlela yokuba ngusomashishini, okanye intoni; kufanele ukufunde oko. Kodwa nguYesu kuphela ongakunika uBomi obunguNaphakade. Yabona?

<sup>58</sup> Umpriste wakho, umkhokeli wakho, okanye njalo njalo, angakufundisa inkolo yakho, ungafunda uMyalezo esizama ukuwufundisa, kodwa futhi noko akuyi kunika Bomi

obunguNaphakade. Kufanele wamkele uMntu, uYesu Kristu. Niyayiqonda lonto, nonke kuni? Kufanele namkele uMntu, uYesu Kristu, ukuze nibe noBomi obunguNaphakade. Ngoku, kodwa ngamanye amaxesha ezinye inkokhelo zifumana impembelelo eninzi kuthi de singazi emasikwenze ngoko xa eliya—eliya xesha lisiza.

<sup>59</sup> Ngoku, yenjani imbubhiso eyokwala inkokhelo esa kuBomi obunguNaphakade, ngokuba, yabona, obo buBomi obunganakho ukuphela. Ngoku, imfundo, ilungile lonto, lonto iyakusineda apha. Ushishino, lonto ilungile. Imali, lonto ilungile. Ukuba yinkwenkwe nentombi elungileyo, lonto ilungile. Kodwa, uyabona, xa ubomi buphelile apha, kuphelile. Niyaqonda? Nina badala niyaqonda? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Yabona, kuphelile. Kodwa ngoko kufanele samkele uYesu Kristu, ukwenzela uBomi obunguNaphakade. NguYesu yedwa onokukhokelela koBuya.

<sup>60</sup> Kwaye nakubeni, yabona, le ndodana yafumana zonke ezi zinto esikolweni, kwaye ngenxa yabazali bayo nazo zonke ezi zinto, ya—yaphulukana neyona nto eyayinokuba nayo, inkokhelo kaMoya oyiNgewele, ngokuba uYesu uthi, “Yiza, uNdilandele.”

<sup>61</sup> Kwaye nina mantombazana enisandula kuphuma esikolweni, nina bathweswe izidanga mhlawumbi, abanye benu, kwamsinyana kakhulu, nani makhwenkwe asematsha; eyona nkokhelo inkulu ekhoyo nguYesu Kristu, ngoba leyo yiNkokhelo esa kuBomi obunguNaphakade. Ngoku, le Nkokhelo ijamelana naye wonke umntu, banikwa ithuba lokukhetha.

<sup>62</sup> Kwaye elo lelona xesha likhulu esinalo ebomini, lelokukhetha. Ngenye imini... Uyazi, utata nomama, bakhetha ukuba nentle inkwenkwe encinci kunye nentombi, njengani—njengani nonke.

<sup>63</sup> Ngoko, ni—ninelungelo, emva kwethuba, lokukhetha okokuba nifuna ukufunda kutitshala, okanye hayi. Utitshala anganifundisa, kodwa nje ungaba yi—yinkwenkwe encinci engalunganga, nje akusokuze ufunde; encinci, engalunganga intombazana, ayisokuze imamele tu. Yabona, wena—wena kufanele ukhethe ukwenza oko, noko umncinci.

Kwaye umama athi, “Ingaba ufumene oo A kwikhadi lengxelo yakho?”

“Hayi, ndifumene okubi kakhulu.” Yabona, ngoku unga. . .

<sup>64</sup> Umama uthi, “Ngoku kufanele ufunde.” Kwaye kufanele wenze okuya ngoko, qhubeka ufunda njengoko umama ekuxelele, njengoko utata ekuxelele. Yabona, kufanele ufunde.

<sup>65</sup> Kodwa unokuzikhethela, ungayenza okanye ungayenzi. Ungathi, “Andifuni.” Yabona, unokuzikhethela.

<sup>66</sup> Emva kwexesha, uyakuba nokuzikhethela ekubeni yeyiphi intombi oyakuyitshata, yeyiphi inkwenkwe oyakuyitshata.

<sup>67</sup> Unokuzikhethela naphina ebomini. Kwaye ngoko unokuzikhethela, kwakhona, ekubeni ufuna ukuphila emva kobu bomi; okanye nje ukuba ngolungileyo, odumileyo umntu, umdlali odumileyo webhanyabhanya, okanye umdanisi, okanye into engenye.

<sup>68</sup> Kwaye jonga kula mantombazana mancinci apha kunye nala mazwi amnandi, kwithuba eligqithileyo, ecula. La mntwana kufanele alihlumise ela lizwi, kwaye uyakuba ngumculi we opera, okanye umculi othile. Ndiwavile amazwi ala makhwenkwe mancinci, la makhwenkwe, ningaba njengo Elvis Presley, nithengise ngobuzibulo benu. Yabona, akuyifuni lonto. Yabona, yitalente akunike yona uThixo, kwaye kufanele ukhethe ngubani, apho uyakuyisebenzisa khona esa siphwiwo, usenzela uThixo, okanye uzakusisebenzisela umtyholi. Yabona?

<sup>69</sup> UMzalwana Leo apha, umzalwana wenu, yabona, ngoku unetalente, yookuza aze akhokele abantu. Ngoku uzakwenza ntoni ngaso? Ingaba uzakuya kushishino aze azenzele izigidi; okanye angaza apha aze enze ikhaya apho abantu abafuna ukuza kuhlanguana aqokelele bonke abantwana benu? Yabona, kufanele ukhethe oko uzakwenza.

<sup>70</sup> Sonke ngabanye kufanele senze ukhetho. Kwaye lusijamele. Kodwa sonke sijamelene nento enye: “Sizakwenza ntoni malunga noBomi obunguNaphakade? Sizakuphila kwixesha elizayo, okanye hayi?” Emva koko kufanele siye kuYesu, ukuze sifumane Oko. Ithuba lokukhetha, yinto uThixo asinike yona. Akanyanzeli nanye into kuthi. Usiyeka nje senze ukhetho lwethu. Ke awunyanzelwanga, kodwa wenza nje ukhetho lwakho.

<sup>71</sup> Ngoku masilandele nje oku, badala nani nonke ngoku, nje okwemizuzu embalwa, kunye nabantwana, sonke ngokudibeneyo. Masilandele lendodana, kunye nokhetho eyalwenzayo, size sibone apho yalukhokelela khona.

<sup>72</sup> Ngoku, la mantombazana kunye nala mazwi amnandi, la makhwenkwe. Ngoku unyuke weza kwaye waba nelizwi lokucula. Ngoku thatha nje la nto inye, onokuyenza, bethu, ngenye imini ungayithatha, “Ndi . . .”

<sup>73</sup> Niyayazi lenkwenkwe ibizwa ngo Elvis Presley? Nizivile iiteyiphu zam. Nivile indlela endiyingayithobi ngayo lankwenkwe, kodwa lankwenkwe yayinethuba eniya kulifumana. Yabona, kwaye yintoni eya . . . Yafumana ukuba inakho ukucula. Kwaye qaphela eyakwenzayo, nje into ekwanye uYuda awayenzayo, uYuda Sikariyoti, wathengisa ngoYesu. UYesu wayinika lankwenkwe ela lizwi limnandi. Kwaye yintoni ayenzayo? Yajika yalithengisa kumtyholi. Yabona, kufanele eze esiphelweni sendlela. Yabona? Yala ukuhamba noYesu.

<sup>74</sup> Ngoku lomfo umcinci apha, lomkhokeli mncinci usisityebi, wenza into ekwanye. Masilandele sibone awakwenzayo. Akukho

mathandabuzo, ngendoda ebalulekileyo njengaye, mhlawumbi omhle umfana, iinwele ezimnyama zikanywelwe ezantsi ecaleni, iimpahla ezintle. Amantombi asematsha acinga, “Kwedini, lowa ngumfana omhle!” Owu, babeyakwenza njalo. Wayeya kuwangawangisa ngesandla mhlawumbi kubo, kwaye ayeya kuncokolisana kunye naye, kunye nezinto.

<sup>75</sup> Kwaye wayecinga wayengumfo obalulekileyo, umntu, yabona, ngokuba wayemhle, wayemtsha. Wayengajonganga ezantsi phaya esiphelweni sendlela. Wayejonge nje apha. “Ndimtsha. Ndimhle. Ndisisityebi. Ndingathenga nantoni endiyifunayo. Ndingawathatha lamantombazana, kunye, namakhwenkwe, bonke bayandithanda. Kwaye bayazi ukuba ndingumntu obalulekileyo.” Kwaye, yabona, wayenako konke okuya. Wayelandela imiyalelo kayise, kunye nento yonke. “Kwaye ndingonenkolo kakhulu. Ndiyaya ecaweni.” Kwaye ngonku wayenokulandela okuya, yabona; edume kakhulu, esisityebi, kwaye enendumasi. Kwaye, kwaye wa . . .

<sup>76</sup> Njenganamhlanje, njengokuba unethuba lokuba ngumdlali bhanyabhanya ophambili, yabona, okanye into enjalo. Abantwana abaninzi namhlanje, uthetha nabo, bazi kakhulu malunga naba badlali bhanyabhanya baphambili kunokuba besazi malunga noYesu. Uyabona? Kwaye, yabona, nina—nina bantwana nifunda malunga noYesu. Apho bahlala khona phantsi, kuze kuze umdlalo kwibhanyabhanya, okanye into engenye, bayabazi abadlali nako konke phaya, konke malunga nayo. Bazi konke okuya ngcono kunako *oKuya*. Baxelele ngeBhayibhile, abazi nto tu malunga neBhayibhile. Yabona, kukwenza ukhetho olungalunganga. Ngoku, omnye umculi ethengisa ngesipho sakhe asinikwe nguThixo, ngenxa yodumo!

<sup>77</sup> Ngoku simbona ekupheleni kobomi. Masilandele umganyana. Uyazi ukuba iBhayibhile ithini malunga nalo mfo mncinci? Waba ngophumeleleyo kakhulu. Ke, maxa wambi impumelelo ayithethi ukuba wenze ukhetho olulungileyo. Niyazi into awayenzayo? Waphuma kwaye wabanexesha lokuzonwabisa kakhulu, wenza imigidi emikhulu, wasebenzisa imali eninzi nento yonke, emantombini nakwinto yonke. Waza emva koko watshata kwaye mhlawumbi waba nosapho. Kwaye—kwaye wa—wanda kakhulu de kwafuneka akhe ovimba abatsha nezinto. Kwaye wathi, “Uyabona, andimlandelanga uYesu, kwaye jonga endinako!” Yabona?

<sup>78</sup> Ungabeva abantu besitsho, kwaye ndibenakho, “Kulungile, jonga, Undisikelele.” Oko akuthethi konke oko. Yabona?

<sup>79</sup> Kwaye emva kwexesha oovimba bakhe baphuphumala de waba nokuthi, kutheni, kwade, “Mphefumlo, phumla. Ndinemali eyaneleyo kakhulu kunye nempumelelo engaka! Kwaye ndiyengako indoda ebalulekileyo! Ndingowawo onke amaqela.

Kwaye ndinobutyebi behlabathi ezandleni zam. Ndinemhlaba emikhulu nemali eninzi, kwaye, kutheni, bethu, phaya wonke umntu uyandithanda, umntu olunge kakhulu anguye.”

<sup>80</sup> Kodwa uyazi, iBhayibhile yatsho ukuba, ngoba busuku, uThixo wathi kuyo, “Ndizakuwubiza umphefumlo wakho.”

<sup>81</sup> Emva koko kwenzeka ntoni? Ngoku kwakukho umngqibi, ihlwempu elidala lomKristu elalilele ngasesangweni. Kwaye nje xa be . . .

<sup>82</sup> Phezulu eYerusalem, ngaphaya, ba—batyela kumphezulu wendlu. Kwaye ingququ zesonka ziyawa *ngoluhlobo*, kwaye amasuntswana enyama, nanjalo njalo, zibethe umgangatho xa ziwela phantsi. Kwaye abawacholi, ngokuba yonke into eYerusalem, umzi omdala, i—iyi . . .

<sup>83</sup> Kulungile ukutsho isiqhulo esincinci apha? Bayi f-o-b. Uyazi yintoni okuya? Flies on the bread, flies on the beef, flies on the butter. [Impukane esonkeni, impukane enyameni, impukane ebhotolweni, f-o-b, impukana kwinto yonke—Mguq.] Ziyaphuma ziye esitratweni, emijelweni nakwinto yonke, zize zibhabhe kwaye zingene kanye kuwo.

<sup>84</sup> Ke aba bantu phezulu phaya, bayenyuka baye phezulu kwe—kwesakhiwo. Baze batye, baze baphose *oku* ezantsi, baze bakutshayele oko bakususe. Zize izinja, esitratweni, zitye ingqunqu. Kwaye wayeyeka elihlwempu lomKristu omdala lilele phaya esitratweni nje litye ingququ eziwe zisuka esityeni sakhe emandlalweni wakhe, okanye etafileni yakhe.

<sup>85</sup> Kwaye xa lingena, emva kwethuba, lalinezilonda, kwaye lalingenanto yakubeka ezilondeni. Igama laso lalinguLazaro. Kwaye izinja zazisiza zikhothe izilonda zakhe ukuze abenokuphila.

<sup>86</sup> Kulungile, niyazi, emva kwethuba, le ndoda, isisityebi, yabona ukuba inemali yokuthenga zonke iintlobo zamayeza, ukuba iyagula, inazo zonke iintlobo zoogqirha. Kodwa, niyazi, ngamanye amaxesha oogqirha abanakusinceda, amayeza awasayi kusinceda, akukho nto inokusinceda; sikwimfesane zikaThixo. Kwaye iyehla iye ekupheleni kwendlela; oogqirha abakwazanga kuyinceda, nomongikazi abakwazanga kuyinceda, namayeza awakwazanga kuyinceda, yaza yafa. Kwaye xa umphefumlo wawushiya umzimba wayo, yabona, yaashiya yonke imali yayo, yonke imfundo yayo, yonke into eyayinayo, konke ukuduma kwayo. Bamenzela umngcwabo omkhulu, mhlawumbi bayithobela esiqingatheni iflegi, no—nosodolophu wesixeko weza, kunye nabo, nabashumayeli beza baza—baza bathi, “Umzalwana wethu ngoku umkile waya eluZukweni,” kwaye bonke bayithanda lonto.

<sup>87</sup> Kodwa iBhayibhile itshilo, okokuba, “Yawaphakamisa amehlo ayo esihogweni, kwintuthumbo, kwaye yajonga ngaphaya kwala mda mkhulu phaya, yabona la mngqibi

obengqengqile, phaya esangweni layo, ngaphaya eZulwini. Yaza yakhwaza, ‘Thumela uLazaro ezantsi apha kunye namanzana amancinci. La madangatye ayathuthumbisa.’ Wathi, ‘Owu, hayi. Yabona, wathabatha ukhetho olungalunganga ebomini.’”

<sup>88</sup> Yabona, xa yafika esiphelweni sendlela, ukuba iphume ngaphandle kobomi! Yayikhokelwe yinkolo. Yayikhokelwe yimfundo. Yayikhokelwe yimpembelelo yempumelelo yayo—yayo. Kodwa, uyabona, yayingenanto yokubamba isandla sayo, ezo zinto zaphelela phaya. Niyaqonda, bafo abancinci? Nina badala niyaqonda. Oku ndi... Yabona, yayingenanto yakuyibamba. Imali yayo zange ibenakho ukuyibamba. Abahlobo bayo kunye noogqirha zange babenakho ukuyibamba. Amayeza zange abenakho ukuyibamba. Umpristi wayo, inkolo yayo, zange ibe nakho ukuyibamba. Ke, kwakukho into enye kuphela eyayinokuyenza. Yaya—yayale ukwamkela uYesu, uBomi obunguNaphakade. Ke yintoni ekwafanela iyenze? Izike ibheke ezantsi ekufeni, iye esihogweni. Enjani imbubhiso yempazamo la ndodana eyabanayo xa yala ukuhamba noYesu, ukukhokelwa nguYesu. Yala ukuyenza lonto.

<sup>89</sup> Ke abaninzi abantu abatsha bayayenza la mpazamo, namhlanje, bala ukukhokelwa yi—yiNkosi uYesu. Ngoku siyabona enjani imbubhiso ekwaleni uBomi obunguNaphakade nokukhokelwa nguYesu, iNkokhelo, xa Wathi, “Yiza, uNdilandele.”

<sup>90</sup> Yabona into le ndodana intle eyithethileyo ngalemvakwemini? Xa uphuma esikolweni, xa usimka kuso, udinga enye inkokheli, kodwa yenza oko ibe nguYesu. Kwaye uYesu yiBhayibhile. Niyakhokelwa koko? Obu buBomi bukaYesu neMithetho Yakhe kuthi, ikwimo yombhalo. Ke kufanele sikhangele koKu, sibone. Lona ngumkhomba-ndlela. Lena yimephu Awathi wasixelela ukuba siyilandele, uku—ukuqalisa uBomi obunguNaphakade.

Ngoku siyafumanisa ukuba lendodana yayilahlekile.

<sup>91</sup> Ngoku masithabathe omnye. Ningathanda, ningathanda ukuba nexesha lokuthabatha omnye umlawuli omncinci osisityebi, owathabatha inyathelo elilungileyo? Ningathanda ukuyiva lonto? Kulungile, sizakuyizama ngoku. Ngoku masithabathe omnye umlawuli omncinci osisityebi owajamelana nento ekwanye. Ngoku siyabona apho lankwenkwe yaya khona, eyaphila ubomi obuhle kakhulu, kodwa yafa yaza yalahleka esihogweni. Kwaye ngoku apha sizakuthetha malunga nenye indodana eyajamelana nento ekwanye. Yayi yindoda esisityebi, indodana, kwaye ingumlawuli, kwaye, kodwa yamkela inkokhelo kaKristu; njengokuba inkwenkwena encinci ibisixelela ngethuba eligqithileyo, ukuba kufuneka siyeke sikhokelwe. Yayamkela.



<sup>92</sup> Isibhalo soko sifumaneka, ukuba ufuna ukujonga emva kokuba ndigqibile, yabona, sikumaHebhere, isahluko sama-11, kunye nowama-23 ukuya kuma-29 omnqolo. Mandiyifunde Yona. Ingaba kulungile? Niyakundinyamezela nje ithutyana, akunjalo? Anikhathazeki ukuba andiyenzi, niyakwenza njalo? Yabona? Ke nje si...Siyakufunda nje oku, emva koko uthi, “Ndimve uMzalwana Branham efunda oku kuphuma eBhayibhileni.” Yabona? Kwaye uyazi ukuba iphaya ngoko. Ibingeyonto ndiyithethileyo, yinto Ayithethileyo. Ngoku phulaphula apha, oko iBhayibhile ekutshiloyo apha ngalo mfo ulungileyo, yabona. Ngoku jonga

*Ngokholo uMoses, xa wazalwayo, wafihlwa iinyanga ezintathu ngabazali bakhe, ngokuba babona wayengumntwana omhle; kwaye babengoyiki myalelo kakumkani.*

*Ngokholo uMoses, xa wa...wafikelela eminyakeni, wala ukubizwa ukuba ngunyana wentombi kaFaro; (phulaphula)*

*Wakhetha kungcono ukuwa ubunzima kunye nabantu bakaThixo, kunokuxhamla iziyolo zesono okomzuzwana;*

*Ekubalela ukungcikovwa kukaKristu . . .*

<sup>93</sup> Emva kakhulu kwixesha likaMoses, yayisenguye uKristu. Yabona? Nguye kuPhela onoBomi obunguNaphakade. Yabona?

<sup>94</sup> “Ekubalela ukungcikovwa,” ukubizwa umthabatheki, umqengqeleki-ongcwele, okanye into ethile enjalo, uyazi. Yabona?

*Ekubalela ukungcikovwa kukaKristu kububutyebi obukhulu kuneziyolo zaseYiphutha: ngokuba wayenentlonipho kwimbuyekezo yo...umvuzo.*

<sup>95</sup> Ngoku uyakwazi ukuba oko kuthetha ntoni? Kuthetha oku, ukuba, uMoses wazalwa eyinkwenkwe ehluphekileyo, ehlupheke kakhulu. Igama likayise lalingu Amram. Igama likanina lalingu Jochebed. Kwaye babehlupheke kakhulu, kodwa babengamaKristu. Babesebenza kanzima. Babesebukhobokeni. Kwakufanele benze izitena zodaka, nezinto, besenzela ukumkani omdala. Uyazi into? La ntombi kakumkani yehla, ngenye imini, ukuya emlanjeni apha oomama . . .

<sup>96</sup> Umama kaMoses, uJochebed, wamthabatha yena waza wambeka kwisihlenga esincinci phaya emlanjeni ngolwahlobo. Kwaye iingwenya ezindala zaziwatye onke amasana amancinci; kwaye zaziwabulala, bephoselwa emlanjeni. Kodwa wambeka kanye khona phaya. Kwaye niyazi indlela awazigxotha ngayo iingwenya kuye? Wayenza le incinci—incinci ityeya wamfaka ngaphakathi, wayenza ngetela. Niyazi ukuba yintoni leyo? Yitramtreni. Ingwenye

endala ibiyakuza, ithi, “Hum, umHebhere omncinci otyebileyo, ndizakumfumana!” Amve ekhala ngolwahlobo. Iye ngaphaya, “Whey! Elinjani ivumba! Uh!” Yabona? Yabona, unina wayekhokelwe, ngendlela yokukhusela usana lwakhe. Ke yabuya umva kuyo, zange ifune nto yakwenza nalonto.

<sup>97</sup> Emva koko wehla ngomlambo, umganyana. Kwaye udade wabo omncinci, obizwa ngoMiriya, wamlandela ukuhla umlambo, qhaphela intoni . . .

<sup>98</sup> Yaza intombi kaFaro yaphuma kwaye yayisiya kumthabatha, uyazi, kwaye yamkhuphela ngaphandle. Uyazi, konke . . . Uyazi, umama wenu ucinga ukuba ungoyena mntwana mhle ehlabathini; yabona, kufanele ayenze lonto. Kodwa iBhayibhile yathi lenkwenkwe yayintle kakhulu, ekhangeleka ntle kakhulu inkwenkwe encinci. Kwaye, owu, yayikhala nje kwaye ikhabalaza ezo zithendana zayo. Yayikhumbula unina, yabona. Kwaye uyazi kwenzeka ntoni? Emva koko uThixo wabeka entombini kaFaro, intombi yokumkani, lonke uthando anokuthi umama abe nalo ngosana oluncinci. Intliziyo yakhe yamwela. Wathi, “Lona ngumntwana wam.”

<sup>99</sup> Kodwa, niyazi, wayengumfazi omtsha. Yabona, ngezo ntsuku babengenazo ezibhotile enithi, iintsana, ezikhuliswa ngazo, ke kwafuneka bayokukhangela umama owa, owakhe wanomntwana, kwaye abe, onokuba ngumongikazi.

<sup>100</sup> Ke uMiriya wayelapho kufuphi, wathi, “Ndiyakuya ndikufumanele umama olungileyo.”

“Kulungile, hamba uyokumfuna.”

<sup>101</sup> Niyazi ngubani uMiriya owayakumfuna? Unina kaMoses. Injalo lonto. Ehe, wayakufumana. Obo yayibubulumko, yayingebubo? Kwaye ngoko waya wafumana unina kaMoses. Waza wathi, “Ndiyakuyithabatha ndikukhulisele inkwenkwe encinci.”

<sup>102</sup> Wathi, “Uyazi intoni, ndizakunika amakhulu amathathu eedola, ngeveki, ukukhulisa lomntwana. Kwaye ungahlala ebhotwe.” Jonga indlela uThixo enza ngayo xa umthembile Yena, yabona, xa uqinisekile ngokholo. La mntwana wayengumprofeti, yabona, kwaye unina wayesazi.

<sup>103</sup> Ke baya ebhotwe waza—waza wamkhulisa uMoses, kwaye unina, unina ongowakhe, waza wafumana amakhulu amathathu eedola, ngeveki, ngokuhoya yonke into. Khawucinge nje ngalonto!

<sup>104</sup> Kwaye emva koko, uyazi, emva kwexesha, emva koko kwaqhubekeka ithutyana, uMoses waqalisa ukuba mdala ngokwaneleyo ukuze afunde abhale. Unina wamfundisa ukubhala nokufunda. Waza wamxelela, wathi, “Moses, uzalwe ungumntwana olungileyo. Uyihlo nam sithandazile. UThixo utyhilile kuthi ukuba ungumprofeti, kwaye uzakuba ngumkhululi wabantu, kwintsuku eziya kuza.”

105 Kwaye niyazi, xa wakhulayo, ngoko waba yintoni? Wamkelwa kusapho lokumkani. Owu, bethu! Zange abenoku . . .

106 Kwaye wajonga ngaphandle kubantu bakhe, kwaye babengenazimpahla. BabengamaKristu, kwaye babelila. Kwaye bona abo baqhubi badala bebatyatyusha ngeemvubu, kwaye igazi litshaza emiqolweni yabo. Abazala bakhe—bakhe nomalume bakhe, tata nomama, kunye nabo bonke; bebatyatyusha ngeemvubu, phandle phaya kwigxuma yoodaka. Kwaye ke, kodwa uMoses, eyinto ethile ezantsi entliziyweni yakhe, wayesazi ukuba babengabantu bakaThixo abathenjisiweyo. Wayeyazi lonto.

107 Ngoku, into elandelayo awayezakuyenza yayikukuba abe ngukumkani olandelayo. Wayeyakuba ngukumkani phezu kwayo yonke into, indoda esisityebi, bethu, yonke imali yaseYiphutha. Kwaye iYiphutha yayilawula ihlabathi, ngeloxesha. Kodwa, khangela, iBhayibhile yathi, “wayibalela ingcikivo,” ukuba kumxovi daka njengaphaya, ukuba ngumKristu. Xa babehlekisa ngabo, kwaye bebahleka, bebakhaba. Ukuba bayaphendula, babebabulala. Yabona? Kodwa uMoses wakhetha ukuhamba nela qela kunokuba abizwe ngokuba ngunyana kakumkani.

108 Jonga lanto! Yabona, ngokuba wabona isiphelo sexesha! Yabona lamlawuli wendoda encinci? Kodwa yabona uYesu, njengoko siMbona embonweni, ela xesha lesiphelo lilo elizakuhlawula. Ngoku, kwaye wamkela inkokhelo kaKristu, kwaye uMoses wakubalela ukungcikivwa ekubeni bubutyebi okukhulu.

109 Niyazi, ngamanye amaxesha xa nina makhwenkwe amancinci esikolweni, amakhwenkwe amancinci ayakutsho amagama amabi kwaye bafune nina nonke niwatsho. Nina mantombazana mancinci; amantombazana amancinci ayakutsho izinto ezimbi kwaye afune nonke nizatsho. Yithini, “Hayi. NdingumKristu.”

110 Bathi, “Ah, wena mfekethi mkhulu!” Niyazi, benza ngolohlobo kuni.

111 Yabona, yima, uthi, “Ndiyavuya ukuba kokuya.” Yabona? Ngoba, yabona, yilonto uMoses wayenzayo. Wakubalela ukungcikivwa kukaKristu kububutyebi obukhulu kuneYiphutha yonke. Ngoku masilandele yena, ekhokelwe nguKristu, kwaye jonga awakwenzayo.

112 Ngoku, yabona, lendodana yayityebile, indodana yokuqala, kodwa zange imfune uKristu. Zange ifune ukuba ngumlandeli kaYesu. Ke ngoko simfumana edume kakhulu, mhlawumbi waba ngumdlali bhanyabhanya ophambili, nento yonke enkulu, kuzo zonke—zonke izinto eyayinokuzenza, nayo yonke into eyayiyifuna. Kodwa xa yafa, zange ibenamntu wokuyikhokela. Ke, imfundo yayo, yona yayilungile; imali

yayo, yayilungile; kodwa xa ukufa kweza, kwaba kuphelile, zange abe nakho ukuyisebenzisa kwakhona. Zange abenakho ukuzithengela indlela eya eZulwini. Kwaye zange abenakho, ngemfundo yakhe, zange akwazi ukuya eZulwini. Yabona?

<sup>113</sup> Kodwa le ndodana ngoku, yayinazo zonke ezi zinto. Yayinayo nemfundo, nayo. Ichubekile. Yaya esikolweni kunye neyayo... Unina wayifundisa, kwaye—kwaye yayinemfundo elungileyo. Kwaye yayichubeke kakhulu, de, ibenakho nokufundisa amaYiphutha. Yafundisa utitshala wayo, yayichubeke kakhulu. Jonga indlela eyayichubeke ngayo. Kodwa, uyazi intoni, phezu kwako konke okwakuchubeka, phezu kwakho konke oko yayinako, isakhono eyayinaso, noko yathi, “Ndiyakukuncama konke, ndilandele uYesu.” Niyazi benzani ngaye? Bamkhupha. Waba li—likhoboka elingumxovi-daka njengabanye bonke.

<sup>114</sup> Kodwa ngenye imini xa waba yindoda ekhulileyo, wayesalusa iigusha kwicala elingasemva kwentlango. Kwaye kwenzeka ntoni? Nabani makandixelele kwenzeka ntoni? Yayiyintoni? [Umtwana uthi, “Kwakukho uMlilo etyholweni.”—Mhl.] Injalo lonto, kwakukho uMlilo etyholweni, kwaye Watsala umdla wakhe. Watyekela ecaleni. Kwaye niyazi intoni?

<sup>115</sup> Nithe, “Fundisa abantwana.” Ngoku abantwana bazakuphakama bandifundise. [Umzalwana uBranham uyahleka—Mhl.] Ke, lenkwenkwe apha, ilapha kanye—ulapha kanye endaweni. Ngubani utata wakho? [Umntwana uthi, “Mnu. Shantz.”] UMnu. Shantz ngutata wakho. La nkwenkwe ifundisiwe, akunjalo? Bonke kubo banamehlo amancinci akhazimlayo bajongeka ngohlobo olunye, omnye efuna ukugqitha omnye, uyabona.

<sup>116</sup> Ke ngoku khangela, wenza, kwaye ela—kwaye ela—ela tyholo lamtsalela, emlilweni, waza wathi, “Ndiyakutyeka ecaleni ndize ndibone ukuba yintoni.”

<sup>117</sup> Kwaye uThixo wathi kuMoses, “Khulula izihlangu zakho, umhlaba omi kuwo ungcwele. Ndikwanyulile ukuba uhle uyokukhulula abantu baM. Ndikunika amandla; ungalibetha ilizwe ngezibetho, ungajika amanzi abe ligazi, ungazisa iintakumba neentwala. Akukho nanto iyakukuvisa buhlungu. Ndizakukhetha wena.” Kutheni? Ngokuba wakhetha uKristu. Yabona? Ukhetha uKristu, aze Akhethe wena. Yabona? Ngoku Wathi, “Ukhetha Mna, kwaye nam Ndikhetha wena ukuba uhle uye eYiphutha.”

<sup>118</sup> Kwaye jonga awakwenzayo. Wakhokela izigidi ezibini zabantu, izigidi ezibini zabantu wazikhupha, abantu bakhe, waza wabazisa kwilizwe lesithembiso. Kwaye, ngoku, walandela. Silandela yena konke ukugqitha ngentlango; kwaye nina bantwana nivile uMzalwana Leo kunye noMzalwana Gene,

kunye nootata noomama benu, benixelela konke okwenzekayo entlango, indlela awazisa ngaso isonka esihlisa ezulwini kwaye esondla abantu abalambileyo, kunye nazo zonke ezi zinto.

<sup>119</sup> Kwaye siyafumanisa, uyindoda endala ngoku, mdala ngenene, ulikhulu elinamashumi amabini eminyaka ubudala. Kwaye usentlango.

<sup>120</sup> Kwaye abantu zange bamphathe kakuhle, kananjalo. Yabona, ngamanye amaxesha abantu abazibiza amaKristu abakuphathi kakuhle. Kodwa uYesu usoloko ekuphatha lungileyo. Yabona? Yabona? Ke siyafumana ngoku ukuba abantu bamqhankqalazela, kodwa wahlala kanye nabo, nakuba kunjalo. Kwaye wayeyinkokheli, kwaye kwakufanele ahlale kunye nabo. Kwaye iNgelosi yeNkosi yathetha naye. Aningethandi nibe noko kusenzeka kuni? Ngokoyenzani ukhetho olulungileyo, kwaye nikhethe uYesu, waye Eyakwenza lonto.

<sup>121</sup> Ngoku, emva koko siyafumanisa, isiphelo sendlela, waba mdala kakhulu. Wayengenakho ukushumayela kwakhona, kwaye ilizwi lakhe lehla. Ke wasikelela uYoshuwa, waza wanyukela encotsheni yenduli, ukuze afe.

<sup>122</sup> Niyazi kwenzaka ntoni xa wafayo? Phaya, intoni, kwenzeka ntoni? [Inkwenkwe ithi, “Wafa, emva koko Wamvusa kwabafileyo.”—Mhl.] Injalo kanye lonto. Injalo kanye lonto.

Ngoku nithi, “Iphi lonto?”

<sup>123</sup> Ngoku, nje umzuzu, inkwenkwe ichanile, yabona. Wavuswa kwabafileyo. Ngoku, kwaye...?...Yabona? Yabona? Ngoku khangela. Wamvusa kwabafileyo. Kutheni? Ngokuba, amakhulu asibhozo eminyaka emva koko, nanko engaphaya ePalestina, eme noMkhokeli wakhe noko, uYesu, awakubalela ukungcikovwa kweGama Lakhe kububutyebi obukhulu kunabo bonke ubutyebi baseYiphutha. Wakubalela... Umkhokeli wakhe emile phaya. Niyazi, Wayebizwa . . .

<sup>124</sup> E—eBhayibhileni, niyazi, kwakukho iLitye elahamba noSirayeli. Kwaye xa uMoses wayelungele ukufa, wakhwela phezu kweli Litye. Kwaye ela Litye yayinguYesu. Niyakhumbula xa uYesu wayethetha, kwaye kuYohane oNgewele, isahluko sesi-6?

Kulungile, wathi, “Oobawo bethu batya imana entlango!”

<sup>125</sup> Wathi, wathi, “Ubawo waninika la mana.” Wathi, “Ehe, batya imana. Injalo lonto. Kwaye ba, bonke kubo, bafile, ngokuba babengaqhubekeki, yabona.” Wathi, “Ba, bonke, bafile.” Kodwa wathi, “NdisiSonka soBomi esivela kuThixo siphuma eZulwini.”

<sup>126</sup> “Oobawo bethu basela eLityeni. UMoses wabetha iLitye,” baze bathi, “aza amanzi aphuma.”

Wathi, “Ndilela Litye elalinaye.”

127 Kwaye jonga, xa uMoses wafayo, wakhwela kwela Litye. Niyazi kwenzeka ntoni? Ibhayibhile yatsho ukuthi ii “Ngelosi” yeza yamthabatha.

128 Onjani wona umahluko kuyo yona landodana ingenye! La ndodana, yabona, xa yafayo, zange ibe namntu wokuyibamba, ngoko yazika nje yehlela ebumnyameni, yaya esihogweni, kwaye ilapho, ngoku.

129 Emva koko xa uMoses waphumayo ebomini, xa wahambayo, wayethabathe iNkokheli. Unina wamkhokelela kakuhle, uyise wamfundisa kakuhle. Kwaye xa wafikelela eminyakeni, indodana, ngoko wathi, “Ndibona uBomi obunguNaphakade, ukuba ndiyakuhla naba bahluphekileyo, abangahoywanga abantu, ndize ndihambe nabo, ngokuba bangabantu bakaThixo. Andifanele kwenza njalo. Ndingaba ngukumkani, kodwa andifuni kuba ngukumkani. Ndingaba nayo yonke imali phaya eYiphutha, ngoba izakuba yeyam. Andiyifuni. Ndikhetha ukuhamba noYesu,” kwaye xa wagqitha ebomini. Kwaye emva koko xa waqalisayo ukuphuma ebomini, nanko uMkhokeli wakhe owamthabatha ngesandla.

130 Akufuni laMkhokeli? Asifuni laMkhokeli na sonke ukuba simbambe ngesandle Sakhe?

131 Amakhulu eminyaka kamva, wabona ekunye noMkhokeli wakhe omkhulu. Wayemkhokele. Wenza u—wenzu ukhetho, lobutsha bakhe, kwaye ngenxa yoko uThixo wayebambe isandla sakhe.

132 Niyazi intoni? Indoda esisityebi isesihogweni, la ndoda incinci isisityebi eyalayo. Yabona, ngoku khumbulani, yayinempundo, yayinenkolo, yayisiya ecaweni, yayiyindoda elungileyo, kodwa yala uYesu. Yabona?

133 Kwaye le ndoda incinci, yayifundile, kwaye yayinenkolo, kodwa yayifuna uYesu. Yabona, uMoses wayenokutyeba yindoda etyebe kakhulu kuna—kunalo mfo mncinci ebenokwenza, ngoba wayenemali nje, mhlawumbi iifama kunye nezinto ezinjalo, kwaye mhlawumbi iipolitike nanjalo njalo, kodwa uMoses wayezakuba ngukumkani phezu komhlaba. Kwaye wancama konke oko.

134 Kwaye niyazi intoni, abantwana? Xa kungekho Yiphutha, naxa kungekho butyebi, uMoses uyakuba ekho yena, ngokuba wakhetha into elungileyo. Yabona? Wakhetha into elungileyo yokuba imkhokele.

135 Xa kungasekho zipyramids zinkulu tu! Niyafunda malunga neepyramids eYiphutha? Ngenye yezi mini, ziyakuba luthuli, phantsi kwe bomba ye atomikhi. Bonke ubutyebi belizwe, abantu bayakubulahlala emoyeni, baze bakhale, baze bathi ngamanundu enyameni yabo, baze bakhale bagxwale. Yabona, iyakugqitha.

<sup>136</sup> Kodwa bona abamkela uYesu ukuba abakhokele, abasayi kufa. BanoBomi obunguNaphakade. Nangona besifa ngokwasenyameni apha, uYesu uyakubavusa kwakhona.

<sup>137</sup> Kufanele wenze ukhetho. Ukhetho lwakho luyakuchaza ukuba isiphelo sehambo yakho kanaphakade iyakuba yintoni. Khumbulani, uYesu ucela ngamnye kuthi, “Landela Mna ukuba ufuna uBomi.” Yabona, inkokhelo, “Landela Mna. Uyakuba noBomi baphakade.” Kwaye ndiqinisekile, nkqu nakuthi badala, sifumana okuthile kulento, nathi. Ukuba ufuna uBomi, kufanele ukuba ubamkele Bona. Ufuna inkolo, uyayamkela. Ukuba ufuna...Into okufuneka uyenze, into oyamkelayo, yilonto oyakuyifumana. Kodwa kum nawe, nakwabo bantwana bancinci, khumbulani, ninesimemo. UYesu wathi, “Landelani Mna, ukuze nibe noBomi obunguNaphakade.” Yilonto esifuna ukuyenza, asinjalo?

<sup>138</sup> Ngoku bangaphi kuthi abafuna ngenene ukulandela uYesu, kwaye bathi, “Kulungile, kulungile, xa ndimkhulu ngokwaneleyo kwaye ndimdala ngokwanele ukuba ndenze ukhetho, kwaye ndenze oko...Andikhathali ikanganani imali endinayo, ndihlwempuzeke kangakanani, bandihleka kangakanani abantu, okanye into yonke engenye, ndifuna ukulandela uYesu. Ndifuna ukwenza ukhetho lukaMoses, hayi olwendodana encinci esisityebi”? Bangaphi abafunayo ukuyenza lanto apha? Ngoku nifuna ngenene ukuyenza?

<sup>139</sup> Ndifuna nime kunye nam. Ndifuna nibeke isandla senu sasekhohlo entliziyweni yenu, kwaye niphakamise isandla senu sasekunene. Ndifuna nivale amehlo enu ngoku nize nithobise intloko yenu, nize nje nitsho la mazwi emva kwam. [IBandla liphinda amazwi ngamanye emva koMzalwana Branham, kulomthandazo ulandelayo—Mhl.]

<sup>140</sup> Yesu Othandekayo, [“Yesu Othandekayo,”] Ndinqophisa ngobomi bam kuWe. [“Ndinqophisa ngobomi bam kuWe.”] Ndiyivile lentshumayelo, [“Ndiyivile lentshumayelo,”] apho amandodana amabini enze ukhetho lwawo. [“apho amandodana amabini enza ukhetho lwawo.”] Andifuni kuhamba ngendlela yomlalwuli omcinci osisityebi. [“Andifuni kuhamba ngendlela yomlawuli omcinci osisityebi.”] Kodwa ndifuna ukuhamba ngendlela kaMoses. [“Kodwa ndifuna ukuhamba ngendlela kaMoses.”] Ndingumntwana nje, okwangoku. [“Ndingumntwana nje, okwangoku.”] Ndikhokele, Yesu Othandekayo, [“Ndikhokele, Yesu Othandekayo,”] eBomini obunguNaphakade. [“eBomini obunguNaphakade.”] Amen. [“Amen.”]

Ngoku thobisani intloko yenu.

<sup>141</sup> Yesu Othandekayo, ngenye imini, kuhambo Lwakho apha emhlabeni, bazisa kuWe abona bafo bancinci njengoko bendithetha kule mvakwemini. Kwaye abafundi bathi,

“UMfundisi udinwe kakhulu. Ebeshumayeke ngale ntsasa. Ushumayeke, *ngale nangale*, kwaye Údinwe kakhulu. Sanukumkhatheza.”

<sup>142</sup> Kodwa, Yesu, Uthe, “Bavumeleni abantwana beze kuM, ngokuba ubuKumkani beZulu bunjengabo.”

<sup>143</sup> Thixo Nkosi, namhlanje yamkela lamakhwenkwe namantombazana mancinci apha, kwesi sikolo sobulungisa, apha apho umzalwana wethu aye wazikhethela ukuza kwelicala lentlango apha, ukukhupha iintsapho ezingwenela ukuzahlula kwizinto zehlabathi, ukundwendwela Wena kuphela. Kwaye ngoku abancinci babo balapha, beqaphele ubomi booyise nonina, njengoko si—siyimizekelo kuko konke esikwenzayo. Owu Thixo Othandekayo, Mdali wamaZulu nomhlaba, khokela unyawo lwethu, Nkosi, okokuba asiyi kwenza nto phambi kwaba bancinci, eyakubeka isithintelo endleleni yabo. Ngokuba kwathiwa, kuyakuba ngcono ukuba besinelitye lokusila libotshelwe ezintanyeni zethu, kwaye siphoswe elwandle, kunokuba sikhubekisa omnye waba bancikana. Uthe, “TiNgelosi zabo zisoloko zikhangele ubuso bukaBawo waM oseZulwini,” iNgelosi enkulu, kunye neNgelosi engumgcini, kubo ngamnye wale miphefumlo mincinci.

<sup>144</sup> Njengoko behleli ngale mvakwemini kunye namehlo abo evulwe kakhulu, bejongile kwaye bephendula imibuzo, kwaye bephulaphule kwibali elincinci labantwana leBhayibhile, lendlela lamandodana mabini enze ukhetho lwawo, kwaye ngamnye kubo benikela ngobomi babo kuWe. Owu Yehova Thixo, bakhokele, bakhusele. Kwaye banga bangafumana loMkhokeli mkhulu, uYesu Kristu, oyakubakhokela xa utata nomama nootitshala begqibile ngabo. Wanga ungabakhokelela kuBomi obungNaphakade, njengoko Wenzayo kuMoses, njengothobekileyo, omncinci, umthandazo wabo wobuntwana usiza kuWe. Ndibanikezela kuWe, Nkosi, njengesicaka Sakho, njengembasa kunye namatye anqabileyo kwisitshaba Sakho. Basebenzise, Nkosi, ukwenzela ukuKuhlonipha, emhlabeni. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

<sup>145</sup> Kwaye nina bancinci, bafo, ninga . . . Ngoku niziva ngcono malunga nayo ngoku? Niyazi uYesu uzakunikhokela aze aniluleke. Aniyikholelwa lonto? Kwaye uYesu uzakunenza nina makhwenkwe mancinci nje ngokufana noMoses no Miriyam, umprofetikazi kunye—kunye nomprofeti, Úyakwenza abantu abakhulu kuni.

<sup>146</sup> Ngoku, thina bantu abadala, esimamkeleyo Yena, asifuni na Yena asikhokele, nathi? Ndifuna Andikhokele mna, aluleke iinyawo zam, abambe isandla sam. Yabona? Kwaye naxa ndifika ezantsi emlanjeni, ndi—ndifuna ukubamba isandla Sakhe. Sonke sifuna okuya, akunjalo?



<sup>147</sup> Yesu Othandekayo, sikhokele, nathi, Bawo. Ngoku silungiselela ukwahlukana omnye komnye. Kufanele ndibuyele eTucson. Kufanele ndilungiselele imihlangano ezayo. Thixo, ndinikela ngeliqela labantu, uMzalwana Leo kunye noMzalwana Gene, kunye nabo bonke abalandeli apha, ezandleni Zakho, okokuba Uyakubasikelela kwaye ubathande, uxolele zonke izikrefo zabo, uphilise zonke izifo zabo, usoloko ubagcina eluthandandweni nasebudlelwaneni, kwaye ukhuthaze abo abayakuba... bayakudinwa. Kwaye ngamanye amaxesha uSathana angeza ecaleni aze abenze batyhafe, kodwa, khumbula, Wagqitha kwa kwinto enye, ukutyhafisa, ukulahlwa nga—ngamadoda alomhlaba, kunye nabantu. Kwaye ngamanye amaxesha ngabona ubathandayo abahlobo, nkqu nasekuzalaneni, siyalahlwa. Kodwa kukho Lowo esimkhethileyo, Akasayi kusishiya okanye asilahle.

<sup>148</sup> Sikhokele, Nkosi, kuBomi obunguNaphakade. Ndiyathandaza ukuba Uyakusipha ukuba sihlangu amaxesha amaninzi, emhlabeni, size sithethe ngaWe sincokole ngaWe. Kwaye ngala Mhla mkhulu, xa ihlabathi ligqityiwe kwaye lonke ixesha linyamalelele kuNaphakade, singa singahlangana kobabuKumkani bukhulu, njengosapho olungaqhekekanga, ukuze sihlale ngokudibeneyo khona apho ngonaphakade. Siphe, Nkosi. Kude kube ngoko, singa singasebenza, sisebenza ngawo wonke amandla ethu, ngelixa ilanga lisakhanyayo. Kuba sicela eGameni likaYesu. Amen.

<sup>149</sup> UThixo anisikelele ngamnye kuni. [Indawo engananto eteyiphini—Mhl.]

Ngokhokelo loluleko Lwakhe, luyakuxhasa,  
Ngengalo Yakhe iyakugusha  
ngokukhuselekileyo;

UThixo abe nani de sibuye sihlanguane!

Side sibuye sihlanguane! side sibuye  
sihlanguane!

Side sibuye sihlanguane ezinyaweni zika Yesu;  
Side sibuye sihlanguane! side sibuye  
sihlanguane! (Enkosi, mzalwana.)

UThixo abe nani de sibuye sihlanguane!

UThixo anisikelele nonke.



*INKOKHELO* XHO65-1031A  
(Leadership)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngeCawa emva kwemini, ngoOktobha 31, 1965, ePine Lawn Trailer Park ePrescott, Arizona, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2014 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)